



Province of the
EASTERN CAPE
EDUCATION

**NATIONAL
SENIOR CERTIFICATE**

IBANGA 12

SEPTEMBER 2018

ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO P1

AMANQAKU: 80

IXESHA: 2 liyure



Olu viwo lunamaphepha ali -11.

IMIYALELO NENGCACISO

1. Eli phepha lemibuzo linamaCANDELO AMATHATHU angala:

ICANDELO A: Uvavanyo lokuqonda	(30)
ICANDELO B: Isishwankathelo	(10)
ICANDELO C: Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi	(40)
2. Phendula YONKE imibuzo.
3. Bhala iCANDELO NGALINYE kwiphepha ELITSHA.
4. Krwela umgca ekupheleni kweCANDELO NGALINYE.
5. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kwiphepha lemibuzo.
6. Shiya umgca emva kwempendulo NGANYE.
7. Qwalasela ngokukodwa upelo nolwakhiwo lwezivakalisi.
8. lingcebiso malunga nolwabiwo lwexesha:

ICANDELO A: Imizuzu engama-50
ICANDELO B: Imizuzu engama-30
ICANDELO C: Imizuzu engama-40
9. Bhala ngokucekileyo nangokucacileyo.

ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA**UMBUZO 1**

1.1 Fundisisa esi sicutshulwa singezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

ISICATSHULWA A**EZELWIMI ZAKUTHI**

- 1 Xa kufikelela kumba weelwimi uMzantsi Afrika lilizwe elinika umdla kakhulu. Umgaqo siseko weli lizwe ugunyazisa ukusetyenziswa kweelwimi ezili-12 zabemi belizwe ngokulinganayo. Naxa kunjalo ke sazi mhlophe ukuba indlela ezisetyenziswa ngayo ezi lwimi kuquka nendlela ezixatyiswe ngayo ayinakuze ilingane. Kuyamangalisa nto zakuthi ukufumanisa ukuba nangona isiNgesi esi ilulwimi kwasemzini, oko kukuthi ayinamveli nantsusa yayo ikweli lizwe, nanjengoko leza namakoloniyal awaye eneenjongo zokwandisa amathanga awo, lulo kuphela oluthethwa kuwo onke amaphondo oMzantsi Afrika. Kuwo onke la maphondo isiNgesi sithethwa kwaye sisetyenziswa kunye neelwimi ezithethwa ngabemi abaNtsundu bephondo ngalinye. Ibhodi ejongene nokusetyenziswa kweelwimi eMzantsi Afrika, IPANSALB kwimigomo yayo ibethelela ukuba iphondo ngalinye limele ukusebenzisa ezona lwimi zithethwa ngabemi abaninzi kwiphondo elo.
- 2 EMPuma Kapa, ezona lwimi zithethwa ngabantu zezi zilandelayo, isiXhosa, isiNgesi, isiBhulu kunye nesiSotho. Nanjengokuba eli phondo linabantu abathetha ezi lwimi njengeelwimi zasekhaya. Kwiphondo le Ntshona Kapa abakwaPANSALB bakhuthaza ukuba kwela phondo kusetyenziswe iilwimi ezintathu ezisetyenziswa luninzi lwabantu abahlala kwela phondo. Ezo lwimi ke sisiXhosa, isiNgesi kunye nesiBhulu. Uya kuphawula ke **mlesi** uninzi lwamaphondo nangona zikho iilwimi zemveli kodwa isiNgesi nesiBhulu azishiyeki ngasemva ziphala phambili. Zezona lwimi zisetyenziswa kakhulu kwizindlu zowiso-mthetho, kumacandelo ezempilo, kushishino nakwezemfundo. Xa ubona imibhalo yemiqondiso kweli lizwe, nokuba ukweliphi iphondo, kuloo mibhalo uya kusoloko ubona ulwimi lwemveli lukhatshwa sisiNgesi nesiBhulu. Kunqabile ukubona imibhalo yemiqondiso ibhalwe ngolwimi lwemveli kuphela. Okuvisa ubuhlungu kukuba nangona selibandakanywa ulwimi lwemveli oluthethwa ngabantu abaNtsundu, amaxesha amaninzi wofika lubhalwe gwenxa, nto leyo icacisa mhlophe ukuba iilwimi zethu azixatyiswanga ngoku kusithiwa iilwimi zonke ziyalingana.
- 3 Okukungaxatyiswa kweelwimi kuqala kwalapha kuthi. Sikhuthaza abantwana bethu ukuba bathethe iilwimi zasemzini ngaphezu kolwimi lwabo. Side sivumele ukuxelelwa zizikolo abafunda kuzo ukuba emakhaya sibakhuthaze basebenzise isiNgesi, endaweni yokusebenzisa iilwimi zabo. Baninzi kuthi abaneli tyala, nam ndiyazibandakanya. Asikashiywa lixesha masizame xa sisonke sikhuthaze ukukhulisa nokuxabisa iilwimi zethu. Simele ukuba nembizo, intlanganiselo sixoxe banzi ngeelwimi zethu ngokubaluleka kwazo. Siphuthume nokuwonga amaqhawe angababhali beelwimi zethu, khon'ukuze sidlale inxaxheba ekuvuseleleni iilwimi zethu. Nisisizwe esinjani na nina mzi ontsundu? Kutheni kulula kuni ukunyhukulana, ukunyembana nokuhlekana endaweni yokuxhasana,

ukuphakamisana nokukhuthazana? Ezinye izizwe zithi sezithumela oonozaku-zaku kweli lizwe ubone zikhatshwa ziitoliki. Ezo ziphatha-mandla ziqhubeka zithetha iilwimi zazo zenkobe, zitolikelwe ngulowo unolwazi lwezo lwimi, olu toliko alwenze ngesiNgesi. Ezo ke zizizwe ezixabise iilwimi zazo, kangangokuba abemi baloo mazwe bathi sele bekrwabaza isiNgesi, bangaboni bubi okanye inyala.

- 4 Elam lithi nokuba ungasitywabaza usikrwabaze isiNgesi ukusukela namhlanje, ungaze uvakalelwe kabuhlungu okanye ubeneentloni kakade isiNgesi esi asilolwimi lwakho. NamaNgesi xa etywabaza isiXhosa sakowenu akuwahleki uwanyembe, nawo awahlekani okanye anyembane. Umnqweno wam kukubona kusakheka ilizwe loMzantsi Afrika. Apho iilwimi zonke zikumgangatho omnye zonke. Oku kungayinkuthazo nakubantu basemzini ukuba bafunde ngokuzimisela ukuthetha nezethu iilwimi. Sisonke masizame oku kwaye sifunge singajiki, sifane nabo bantetho isisiNgesi nesiBhulu ukuze nezethu iilwimi zibonwe zinexabiso lokufundwa, nokuthethwa nazo zikhule njengezinye.
- 5 Thetha kwaye izingce ngolwimi lwakho nokuba uthetha nabanina, ukuze nabanye abantu bazive bekhuthazekile ukuba bafunde isiXhosa sakowethu. Kunika umdla kakhulu ukubona umntu ezingca ngolwimi lwakhe, itsho izaliseke nentetho ethi, "isiXhosa simnandi kwaye asitolikwa." Vukani nonke, ixesha limkile lokujongela phantsi ulwimi lwakho yazini isizwe sima ngolwimi kwaso. Zingceni, phuthumani ixabiso lolwimi lwenu mz'oSundu.

[Sicatshulwe kwiphepha-ndaba *I'Solezwe*; 12 eyeDwarha 2017 ngokubhalwe nguXolani Mavela, saze sahlelwa]

Jonga kumhlathi 1

- 1.1 1.1.1 Yintoni le yenza uMzantsi Afrika ube lilizwe elinika umdla? (1)
- 1.1.2 Khetha isifanokuthi seli gama: **"Mhlophe."**
 - A Ukukhanya.
 - B Umbala.
 - C Mnyama.
 - D Mdaka. (1)
- 1.1.3 Nika intsingiselo yeli binzana 'ugunyazisa ukusetyenziswa kweelwimi ezili-12. (2)
- 1.1.4 Kutheni umbhali esithi isiNgesi lulwimi lwasemzini? (1)
- 1.1.5 Ingaba igama lebhodi yeelwimi PANSALB sisifinyezi okanye yi-akronim? Xhasa impendulo yakho. (1)
- 1.1.6 Chaza injongo yebhodi yolwimi njengoko ibalulwe kumhlathi wokuqala. (1)

Jonga kumhlathi 2

- 1.1.7 Tyumba iilwimi zibe MBINI ezisetyenziswa kakhulu eMpuma Kapa. (2)
- 1.1.8 Umbhali ubhekisa kubani xa esithi 'mlesi'? (1)
- 1.1.9 Ngcinga ni ebethelelwa ngumbhali xa esithi isiNgesi nesiBhulu ziphala phambili eNtshona Kapa? (2)

Jonga kumhlathi 3 kunye no-4

- 1.1.10 Chonga iimeko zibe MBINI ezibonisa ukungaxatyiswa kweelwimi. (2)
- 1.1.11 Bhala ngokutsha eli binzana lilandelayo ngamazwi wakho. 'Simele ukuba nembizo sixoxe banzi ngeelwimi zethu.' (2)
- 1.1.12 Safobe sini esisetyenziswe kwesi sivakalisi singezantsi. Nisisizwe esinjani na nina mz'oSundundu? (2)
- 1.1.13 Chaza eyona njongo iphambili eveliswa ngumbhali kulo mhlathi. (2)
- 1.1.14 Yinyani okanye luluvo ukuba oonozakuzaku bamanye amazwe bakhathiswa ziitoliki xa besiza eMzantsi Afrika? Xhasa impendulo yakho. (1)

Jonga kumhlathi 5

- 1.1.15 Sebenzisa eli gama 'ulwimi' linike intsingiselo engeyiyo le ikwiscatshulwa. (1)
- 1.1.16 Bonisa ukuchaneka komxholo kwisihloko sesi sicutshulwa. (2)

ISICATSHULWA B: OKUBONWAYO

1.2 Jonga lo mfanekiso uze uphendule imibuzo elandelayo.



[uthathwe kwi-Intanethi]

- | | | |
|-------|--|-----|
| 1.2.1 | Lo mfanekiso ubonisa esiphi isini? | (1) |
| 1.2.2 | Nika ubungqina bale mpendulo uyibhale apha ngentla. | (1) |
| 1.2.3 | Loluphi udidi lo mdlalo oboniswe emfanekisweni. Xhasa impendulo yakho. | (2) |
| 1.2.4 | Bhala ubungqina obubonakalisa ukungalingani kwabantu. Xhasa impendulo yakho. | (2) |

AMANQAKU ECANDELO A: 30

ICANDELO B: ISISHWANKATHELO**UMBUZO 2**

Funda esi sicutshulwa silandelayo, wandule usishwankathele unike iindlela zokulwa isitresi. Shwankathela ngokwemo yokudwelisa iingongoma. Landela le miyalelo xa ushwankathela

1. Chonga iingongoma eziphambili ezisi-7 ubude bungadluli kuma 60–70 amagama.
2. Zidwelise ngendlela ehambelanayo ngamazwi wakho ungawulahlanga umxholo.
3. Bhala inani lamagama owasebenzisileyo kwizibiyeli ezantsi kwesishwankathelo.
4. Upelo, iimpawu zobhalo nokusetyenziswa kolwimi maluchaneke.

PHILA UBOMI OBUNGENASO ISITRESI

Isitresi sikukufa okusembizeni ongenakusiphepha, kwaye sichaphazela malunga nama-80% wenani labantu ehlabathini ukuba akusilawuli, impilo yakho ingasengozini. Uphando lubonisa ukuba isitresi singanegalelo ekukwenzeni ube nezigulo ezinganyangekiyo njengesifo sentliziyo ne-*high blood pressure*. UBridget Edwards kwincwadi yakhe uthi umntu angazikhusela ngolu hlobo ukuze angabinaso isitresi. Ukudibana nabantu, njengokuphola nabahlobo okanye ukuya ecaweni kunika iqondo elihle lokuphelisa isitresi kwaye uphole. Xa uphakathi kwabanye abantu uphazamisa ingqondo yakho lutsho luphele uxinzelelo lwemihla ngemihla. Inkxaso yabantu abangqonge ubomi bakho nayo idlala indima enkulu yokuhlisa uxinzelelo olumandla lwe mihla ngemihla.

Ukufunda iincwadi kungakunceda uphazamise ingqondo ikuse kwelinye ilizwe. Kuphando olwenziwe nguGregory Berns ufumanise ukuba ukufunda kukhuthaza ukusebenza kwee-*neurons* ezayanyaniswa nento ofunda ngayo, umzekelo xa ufunda incwadi emalunga nokudada kwenza ingqondo icinge ngako, kwaye iziphumo zoko zihlala ixesha elide emva kokuba ugqibile ukuyifunda.

Ukuthatha uhambo kuyayivula ingqondo, kwaye iholide ingayindlela entle yokuphola. Akufuneki de uchithe imali ongenayo xa uthatha uhambo. Ungaya njee ezindaweni ezifikelelekayo ezintle uphumle khona.

Zilolonge, ukuzilolonga akufuneki ude ube nemali ezinkulu, okanye imali ethe xhaxhe. Ukubaleka, ukuwaka neyoga zezinye zezinto ezicutha isitresi. Ezi zinto ungazenza ungakhange ukhuphe mali eninzi. Yenza ukuzilolonga kube yinxalenye yobomi bakho.

Ubugcisa onabo kufuneka usoloko ubukhathalele kuba xa ungabukhathalelanga buyalibaleka. Oko kukuthi uphele ulibala italente yakho ungaqondanga ngenxa yoxinzelelo onalo, okanye yexesha lokungahoyi ubugcisa onabo.

Yitya ukutya okunesondlo nokunika ixesha lokuphumla ngexesha elifanelekileyo. Qaphela ixesha lokulala lixesha lokulala, hayi le nto uyakufika abantu bengalali ebusuku befunyenwe luxinzelelo ngenxa yokutya okungenasondlo.

[Sicutshulwe kwimagazini *iBona*, ka-Septemba 2017; Iphepha lama- 86 saze sahlalelwa]

AMANQAKU ECANDELO B:**10**

ICANDELO C: IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI**UMBUZO 3: ISIBHENGEZO-NTENGISO**

Funda esi sibhengezo-ntengiso uze uphendule imibuzo elandelayo.

IBio oil isusa: amabala, izikretshi kunye namaqhakuva. Yeyona oyile yokwenene, isebenza **NGEPHANYAZO**

SAVE YOUR SKIN



Le oyile yenzelwe ozikhumba zibi.

Zifumanele eyakho kuba yeyona oyile ihamba phambili.

Fowunela ku:
0862123421

R89. www.biooil.co.za

[Sithathwe ku-googleimages.com saze sahlelwa]

- 3.1 Kuthengiswa ntoni kwesi sibhengezo-ntengiso? (1)
- 3.2 Siyintoni isizathu sokusetyenziswa kwemifanekiso kwesi sibhengezo? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 3.3 Xela imisebenzi eyenziwa yile oyile ibe miBINI kuphela. (2)
- 3.4 Caphula ibinzana elinika intsingiselo engumzekelo wokugcina ulusu lulungile. (1)
- 3.5 Xela isizathu sokusetyenziswa kwamakhasi onxibelelwano? (2)
- 3.6 Bhala ngesiXhosa ixabiso lale mveliso. (1)
- 3.7 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo:

‘Yeyona oyile yokwenene’.

- A Ulwimi olunzima.
- B Ulwimi olunyanzelayo.
- C Ulwimi olutsalayo.
- D Ulwimi olupholileyo.

(1)
[10]

UMBUZO 4: IKHATHUNI

Funda le khathuni uze uphendule imibuzo elandelayo.



- 4.1 Bhala ngemo ende igama 'Nyak'omtsha' elikwintetho kaNomsa. (1)
- 4.2 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo. Amazwi athi 'Ha-ha! Ubambe loo nto' akwisakhelo sesi-2 abonisa oku:
- A Uyamphoxa.
 B Uyamdelela.
 C Uyamcingela
 D Uyamkhonza. (1)
- 4.3 Xela izixhobo zokucoca zibe ziBINI ezisetyenzisiweyo kule khathuni. (2)
- 4.4 Ingaba kulungile okanye akulunganga ukuba umqeshi abize abasebenzi bakhe inkawu. Xhasa impendulo yakho. (2)
- 4.5 Yeyiphi le ngcinga ibethelelwa nguBoss xa esithi 'Limkile ixesha'. (2)
- 4.6 Ngowuphi oyena msebenzi uzinikeleyo emsebenzini wakhe, utsho ngoba? (2)
- [10]**

UMBOZO 5

IPROZI

5.1 Funda lo mhlathana ungezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

PHUHLISA UBOMI BAKHO

Ulutsha lumele ukuba lwenze uphando olupheleleyo ngekamva lalo ukuze luzazi, lwazi nekamva lalo. Oku kungenziwa ngokusebenzisa i-intanethi okanye umfundi acele uncedo kwititshala zakhe. Mfundi qala kumabanga aphakamileyo ukukhetha izifundo eziza kuhambelana nenkqubela phambili yobomi bakho. Kubalulekile ukufuna inkxaso kubantu abayihambileyo le ndlela usafuna ukuyiqala. Inene, liyinene elithi inyathi ibuzwa kwabaphambili. Umfundi webanga le-12 uyacetyiswa ukuba athathe amanyathelo abhalise kuselithuba ukuze akwazi ukwamkeleka kwiziko anqwenela ukufunda kulo. Oku kuyamnyanzela umfundi ukuba athathe izigqibo ngekamva lakhe. Ulutsha lunakho ukuzikhethela ukuba lufuna ukuphila ubomi obunjani. Lunalo noxanduva lokuzikhusela ngokukhetha abahlobo abangabo ebomini. Umhlobo wenene uhlala ekhomba iindlela ezilungileyo nezakhayo.

[Ucatshulwe *kwiBona*; Septemba 2009; Iphepha 91, waze wahlelwa]

- 5.1.1 Khetha isihlanganisi kwesi sivakalisi silandelayo. (1)
Ulutsha kufuneka lwenze uphando ukuze lwazi ngobomi.
- 5.1.2 Lungisa isiphene sopelo esikwigama elinomgca ngaphantsi. (1)
Umfundi makacele uncedo kwititshala zakhe.
- 5.1.3 Chaza igama lesakhi esibhalwe ngqindilili kwesi sibizo singezantsi. (1)
Ulutsha.
- 5.1.4 Fakela isimelabizo esichanekileyo kwindawo enesibizo kwesi sivakalisi singezantsi. (2)
Sebenzisa i-intanethi okanye umfundi acele uncedo.
- 5.1.5 Khetha isithetha ntonye seli gama kula alandelayo. **Inene.** (1)
A Ikamva.
B Imbeko.
C Ingcali.
D Inyaniso.
- 5.1.6 Bhala izivakalisi zibe ziBINI usebenzise eli gama 'Iziko' linike iintsingiselo ezahlukeyo. (2)
- 5.1.7 Tyumba iqhalo njengoko lisetyenzisiwe kulo mhlathi ungentla. (2)
- 5.1.8 Bhala esi sivakalisi singezantsi sibe kwisininzi. (2)
Umhlobo wenene uhlala ekhomba iindlela ezilungileyo.
- 5.1.9 Lungisa igama elikwizibiyeli ngokufakela isixando esifanelekileyo kwesi sivakalisi silandelayo. (2)
Umhlobo wenene uhlala (ekhomba) iindlela ezilungileyo

[14]

5.2 UMFANEKISO

Qwalasela lo mfanekiso uze uphendule imibuzo elandelayo.

Bonakala endleleni ukuze ukhuseleke



Nxiba impahla ekhanyayo ebusuku

[Uthathwe kwi-intanethi waze wahlelwa]

5.2.1 Chonga isichazi uchaze nodidi lwaso kwesi sivakalisi singezantsi.

Nxiba impahla ekhanyayo. (2)

5.2.2 Bhala isichasi segama elifakwe kwizibiyeli.

Bonakala xa (uhamba) ebusuku. (2)

5.2.3 Esi sivakalisi singezantsi sikwintetho-ngqo, siguqule sibe kwingxelo-ntetho.

Qala ngolu hlobo: Ipolisa lendlela lithe ...
'Nxiba impahla ekhanyayo' litshilo ipolisa (2)

AMANQAKU ECANDELO: 40
AMANQAKU EWONKE: 80

